Isalathiso: 20200630-6728
Inombolo yefayili: 3/3/2/3
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0017/2020
Umhla wokuphelelwa: 31/12/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula icacisa inkqubo yokuqeshwa kwabancedisi bootitshala bokubonelela ngenkxaso "kwigumbi lokufundela" apho zivunyiweyo izicelo zeminyenyevu (concessions) zootitshala abanezinye izigulo ngaxeshanye (comorbidities).*

Isihloko: Ukuqeshwa kwabancedisi bootitshala

1. Ukuqinisekisa ukwenziwa kwenkonzo okokoko ngethuba lesimo sentlekele kazwelonke kulandela ukuqhambuka kukabhubhane *weCOVID-19*, okwabizwa ngokuba yi-*novel coronavirus*, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liyiqwalasele kwakhona iNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi 0001/2020, yowe-03 Juni 2020, **engakuboneleliyo** ukuqeshwa kwabaqeshwa ababambelayo ngokunxulumene nootitshala abanezinye izigulo ngaxeshanye (*comorbidities*).

2. Ukunceda amaziko, iSebe i*WCED* lizibandakanye kwiphulo lokugaya ukufumana abancedisi bootitshala (*educators' assistants*) ukubonelela ngenkxaso eyimfuneko "kwigumbi lokufundela" kootitshala abanezinye izigulo ngaxeshanye (*comorbidities*).

3. Iziko ledatha (elihlaziywa qho ngeveki) elineeprofayili zamaqela abancedisi bootitshala abakhoyo (*educators' assistants cohort*) liya kufumaneka kumaziko ngokusebenzisa isistim yekhompyutha i-*People Management System*. Amaziko anokusebenzisa iziko ledatha ukufumana abagqatswa abafanelekileyo apho ivunyiwe iminyenyevu yokuxolelwa (*concessions*) kootitshala abanezinye izigulo ngaxeshanye (*comorbidities*).

4. Makungeniswe la maxwebhu alandelayo ukulungiselela ukuqeshwa komncedisi katitshala otyunjwa liziko.
   a) Ifom yesicelo katitshala
   b) Amabanga emfundo okanye ubungqina bokubhaliswa eyunivesithi

c) I-*ID*
d) Ifom yebhanki
e) Ifom yakwa*SARS* (yerhafu)
Ifom ye-*MIE* (ukutshekisa iinkcukacha zokufaneleka komqeshwa)
f) Ingxelo ebungqina obuxhasa umnyenyevu wokuxolelwa *(concession*) ovunyiweyo ngokunxulumene nesicelo somqeshwa onezinye izigulo ngaxeshanye (*comorbidity application*).

5. Amagama abatyunjwa anokungeniswa ngokudlula apha Recruitment.Institution@westerncape.gov.za.

6. Ummiselo oqulethwe kule setyhula uya kuphela ngomhla wokupheliswa kwesimo sentlekele kazwelonke.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-07-06